URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Alison February
ICandelo eliyiNtloko loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi
Alison.February@westerncape.gov.za | 021 467 2683

Isalathiso: 20221202-9577
Inombolo yefayili: 3/3/1/1/3

ISetyhula: 0047/2022
Umhla wokuphelelwa: 30 Septemba 2023

Iya: KumaSekela Balawuli Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, nakwiiNqununu

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa isistim i-data management system entsha emayiphunyezwe kwiSigaba IV se-Presidential Youth Employment Initiative.*

ISihloko: I-*Presidential Youth Employment Initiative (PYEI)* ngaphakathi kwicandelo lemfundo esisiseko – ISigaba IV I-*data management system* entsha

1. URhulumente weNtshona Koloni uqaphele imisebenzi eyi-20 500 ukudala imisebenzi eya kufakwa kwizikolo zikarhululmente njengenxalenye yeSigaba IV seprojekthi ye-PYEI eqala ngowe-01 Februwari 2023 nephela nge-30 Septemba 2023.

2. Eli phulo linika inkxaso ubukhulu becala zonke izikolo ezithatha inxaxheba kwizakhono zokufunda, ze-*Information Technology*, zolondolozo lweziseko, ezenkxaso ngokwasengqondweni nangokwentlalo nezokuphucula umgangatho wezemidlalo. Liya kufaka igalelo ngokumandla kwiNtshona Koloni ngokomoleza iiprogram zezengqesho zikarhulumente ezikhoyo namanyathelo enkxaso ukwandisa izindululo ezithembekileyo nezisekelwe kubungqina ukwenzela ukudalwa kwemisebenzi okungaphezulu kwiphondo.

3. KwiZigaba II no-III, abachaphazelekayo basebenzisa i-*National Data Management System (NDMS)* yeSebe leMfundo esiSiseko ukufaka iinkcukacha zabancedisi abaqeshiweyo, iintsuku zekhefu, ukulawulwa kokuhlolwa kwentsebenzo nokusayinelwa kweepeyiiroli njalo-njalo.

4. Ngelishwa i-*NDMS* ayiyi kufumaneka njenge-*data management system* yale projekthi ngethuba leSigaba IV.

5. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-WCED) liyavuma ukuba iprojekthi enobukhulu obululu hlobo ayinako ukwenziwa ngaphandle kwesistim ethembekileyo yaye ke ngoko nezikolo zixhomekeke kwezi zixhobo zilulo hlobo.

6. IKomiti yeProjekthi yeSebe i-WCED ivelise enye isistim yangaphakathi eyi-*in-house alternative data management system* ukwenzela ukulawulwa kwabancedisi be-*PYEI* nezimali zeprojekthi neya kwenza kube lula ukulawulwa kwale projekthi esikolweni yaye iyazifezekisa iimfuno ezimiselweyo zokulawulwa kwedatha ukwenzela le projekthi.

7. Le sistim yolawulo lwedatha iya kulingwa kwizikolo zikarhulumente eziyi-16 kwiphondo phakathi kowe-05 nowe-09 Disemba 2022.

8. Eli phulo lokuyilinga le nkqubo liya kwenza iKomiti yeProjekthi i-*WCED Project Team* ibenako ukulawula imiba eyingxaki yeli phulo longenelelo ngoncedo litsha nokuba ikwazi ukuqaphela izinto ezingalunganga phambi kokuba iqaliswe kwizikolo ezithatha inxaxheba eNtshona Koloni ngokubanzi. Le nkqubo iya konga ixesha elixabisekileyo leprojekthi yaye iqinisekise ukuba isistim iyazifezekisa iimfuno zomgangatho omiselweyo yaye iyalungelena nenjongo zezikolo ngokubanzi.

9. IKomiti yeProjekthi yeSebe i-WCED iya kuququzelela inkqubo yokutshintshwa kolawulo yaye iqeqeshe zonke izikolo ezithatha inxaxheba kwi-*data management system* ngethuba leSigaba IV.

10. I-*data management system* isebenziseka lula yaye iya kuwususa umthwalo wezolawulo obukade usemagxeni wabalawuli.

11. Incwadana eyimanyuwali yomsebenzisi nevidiyo ziya kuhanjiswa ezikolweni ngo-Januwari 2023 ukuncedisa ekuphunyezweni kwesistim.

12. Sinqwenela ukuzibulela zonke izikolo ezithatha inxaxheba ngenkxaso yazo eqhubeka okoko kule nkqubo yokuqinisekisa amathuba emisebenzi amatsha angama-20 500 ngo-2023.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-12-10